URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Moya Combrink**
ICandelo loLawulo loVavanyo
Moya.Combrink@westerncape.gov.za | 021 467 2626

Inombolo yefayili: 19/2/P
Isalathiso: 20240219-1776

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0004/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili zemfundo), kwiiNgcali zeMfundo eziziNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zolawulo noKuphathwa kwaMaziko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli naBacebisi boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi beZifundo nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

**Isihloko: IMisebenzi yoVavanyo lwePrakthikhali yeemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke ngo-2024**

1. **Intshayelelo**

1.1 ISebe leMfundo esiSiseko liqulunqe iMisebenzi yoVavanyo lwePrakthikhali (*Practical Assessment Tasks*) *(PATs)* kwizifundo ezinekhomponenti yeprakthikhali. Ezi *PATs* ziyinxalenye yeemfuno ezimiselweyo zovavanyo kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke ngo-2024 njengoko kuchaziwe kwi-*Curriculum and Assessment Policy Statement (CAPS)* yesifundo ngasinye esichaphazelekayo.

1.2 Ezi *PATs* zivavanywa ngaphakathi ezikolweni zize zimodareyithwe ngaphandle kwalapha kwiphondo.

2. **Izifundo ezibandakanya i-*PATs* zezi**

*2.1 Agricultural Management Practices, Agricultural Technology*

*2.2 Dance Studies, Design, Dramatic Arts, Music, Visual Arts*

*2.3 Computer Application Technology, Information Technology*

*2.4 Consumer Studies, Hospitality Studies, Tourism*

2.5 *Civil Technology, Electrical Technology, Engineering Graphics and Design, Mechanical Technology, Technical Sciences, Technical Mathematics.*

**3. Ukuvavanywa kwee-*PATs***

3.1 Ezi zikhokelo ze-*PATs* zango-2024 zinokukhutshelwa kusetyenziswa le linki: http://surl.li/qnfxw

3.2 Mazinikwe ootitshala bezifundo abachaphazelekayo izikhokelo ze-*PATs* ukwenzela ukuba babenako ukuwasebenzisela ukubhajethela nokucwangcisela ukuqaliswa kwezi mvavanyo la maxwebhu kwiikota ezintathu zokuqala zika-2024.

3.3 Kuya kunikwa inkxaso ngabacebisi bezifundo nangabacwangcisi bekharityhulam abakhulu abachaphazelekayo kwezi zifundo abakwii-ofisi zezithili zemfundo ekuhambeni konyaka. Ngako oko ke kufuneka izikolo ziqinisekise ukuba ootitshala abachaphazelekayo bayaya kwiintlanganiso zezithili ezisingethe ukuvavanywa nokumodareyithwa kwee-*PATs*.

4. Ziyacelwa iinqununu namagosa ezithili zemfundo ukuba bazise ootitshala, abazali nabafundi okuqulethwe kule ngcaciso imfutshane ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-H MAHOMED
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2024-02-23